

Inombolo yefayili: 19/2/P  
Isalathiso: 20241119-8558

ISetyhula: 0034/2024

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlinkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundu eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundu eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko kwi-General Education and Training band

Isishwankathelo esifutshane: Inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa abakumaBakala 4 ukuya kwele-9 ngo-2024

**Isihloko: Inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa abakumaBakala 4 ukuya kwele-9 ngo-2024**

1. ISebe leMfundu esiSiseko likhuphe iSetyhula 05 yoVavanyo kaZwelone ka-2022, yomhla we-05 Oktobha 2022, neSetyhula 02 yoVavanyo kaZwelone ka-2023, yomhla we-21 Oktobha 2023, apho kunikwa inkcazo ngokusetyenziswa kwenkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa kumaBakala 4 - 9.
2. Amaphulo ophando amaninzi angqina ukuba ukuphulukana nexesha lokufunda okubangelwe kukuphazamiseka ngenxa ye-COVID-19, kusaxhaphakile kwinkqubo yezemfundu yaye, ke ngoko, inkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa kumaBakala 4-9, kusafuneka isetyenziswe de kuhlaziye uMgaqo-nkqubo i-National Policy Pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12, opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 36042 yowe-28 Disemba 2012.
3. ISetyhula 02 yoVavanyo kaZwelone ka-2024, yomhla we-31 Oktobha 2024, iya kusebenza ngokupheleleyo.

4. Ukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku nomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi ukususela ngo-2024 ukuya phambili, kuya kuba lolu hlolo lulandelayo:
- 4.1 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya kusebenza kubafundi abakumaBakala 4 ukuya ku-9.
- 4.2 Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya okungadlulanga **kwi-5%** kuvumeleke kuzo naziphi na **izifundo ezithathu** ezizezona zininzi. Oku kuthetha ukuba umfundi unako ukunikwa amanqaku aphakathi **ko-1% no-5% wamanqaku afunyenwe** ngumfundu, ukuba oku kuya kubangela ukuba abe ngophumeleleyo (*an achieved status*). Ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya makwenziwe kumanqaku aphi umfundi angazifezekisanga iimfuno ezimiselweyo zokupasa zika-40% no-50% kwakunye nakumanqaku aphakathi ko-25% no-29%.
- 4.3 **Emva koko**, makwenziwe umnyinyiva wokunyuselwa komfundu kwiMathematika. Ukuba umfundi uzifezekisile zonke iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba (kumaBakala 4 ukuya kwele-6) okanye ezokupasa (kumaBakala 7 ukuya kwele-9) ukusuka kwelinye ibakala ukuya kwelilandelayo kodwa **abe engaphumelelanga ngo-level 3 (40%) kwiMathematika** yaye ke ngoko kufuneka agcinwe kwakweli bakala akulo, umfundi kufuneka anyuselwe kwiMathematika.
- 4.4 Aphi umfundi aphumelele ngokupasa kwizifundo ezininzi zakhe lube lungenziwanga utshintsho Iwamanqaku apha naphaya okanye umnyinyiva wokunyuselwa njengoko kuchazwe kwimihlathi 4.2 no-4.3, kodwa ufumana amanqaku—  
 (a) angaphantsi ko-35% kuLwimi lokuQala oloNgezelweyo (*First Additional Language*);  
 okanye  
 (b) angaphantsi ko-25% kwezinye izifundo ezibini (*ngaphandle koLwimi IwaseKhaya (Home Language)*);  
 umfundi ololu hlolo makathathelwe ingqalelo ngokuba unyuselwe nokuba kukwizifundo eziku-(a) okanye kukwizifundo eziku-(b), ukwenzela ukuba umfundi abenako ukudlulela kwibakala elilandelayo, ngokuxhomekeke ekubeni uyazifezekisa zonke iimfuno ezimiselweyo zokupasa.
- 4.5 Kwimeko yemihlathi 4.3 no-4.4, amanqaku afunyenwe ngumfundu kwisifundo makabonakale kwishedyuli yamanqaku yaye unobumba “C” makafakwe ecaleni kwamanqaku ukubonisa ukuba umfundi unyuselwe amanqaku (*condoned*). Oku kukwasebenza nakwindlela ekuboniswa ngayo amanqaku kwikhadi leripoti yomfundi (*learner’s report card*). Kwikhadi leripoti yomfundi (*learner’s report card*) makubhalwe le nkcazelo ilandelayo:  
*“(List the name of the subject) mark has been condoned and the learner is progressed to the next grade.”*
- 4.6 Ukuba abafundi nakuba kunjalo abazifezekisi iimfuno ezimiselweyo kwisikhokelo zokudlulela kwesinye isigaba ukwenzela **amaBakala 4-6** emva kokuba kwensiwe ukutshintshwa kwamanqaku apha naphaya kwizifundo ezithathu kune nokunyuselwa komfundu [wcledonine.westerncape.gov.za](http://wcledonine.westerncape.gov.za)

kwiMathematika, abafundi **basenokudlulela kwesinye isigaba ngenkxaso** ngokusekelwe kwisigqibo esisuselwa kwizizathu ezimalunga nolwazi nobuchule kumsebenzi wokufundisa senqununu nootitshala abasesikolweni.

- 4.7 Kwimeko yabafundi beBakala 9 baka-2024, makuqatshelwe ukuba abafundi abanyuselweyo kwiMathematika basenokukhetha ukufunda i-Mathematics okanye i-Mathematical Literacy kwiBakala 10.
5. Le nkqubo yokutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neyomnyinyiva wokunyuselwa kwabafundi ingasentla, ayizitshintshi nangayiphi na indlela, ezinye iimfuno ezimiselweyo zokudlulela kwesinye isigaba zesifundo kwiSigaba esiPhakathi nesiPhezulu njengoko kuchaziwe kwi-National Policy Pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12, epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 36042 yowe-28 Disemba 2012, into ethetha ukuba umfundu unokugcinwa kube kanye kuphela kwiSigaba esiPhakathi nesiPhakamileyo. Ngoko ke imigqaliselo eqhelekileyo yokudlulela kwesinye isigaba, iya kusetyenziswa ngokumalunga nabafundi ababesele begciniwe kwisigaba.
6. Iinqununu zibambisene neeKomiti ii-School-based Support Teams (SBST)) zazo, bezilindeleke ukuqinisekisa ukuba zibaqapheli abafundi abebesemngciphekweni wokugcinwa kwasekuqaleni konyaka kwibakala. Abazali bekufanele ukuba bazisiwe ngendlela abaqhuba ngayo kwizifundo abafundi yaye isikolo nabazali bekufanele ukuba bambonelele umfundu ngokumnika inkxaso eyongezelelweyo. Ekupheleni konyaka xa kuggitywa ngokupasa nokudlulela kwesinye isigaba komfundi, apha kukho ubungqina bokuba ukugcinwa komfundi akuzi kumlungiselela ngeyona ndlela ibhetele umfundu, inqununu ne-SBST mabaqinisekise ukuba umfundu unikwa inkxaso yokudlulela kwelinje ibakala.
7. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zokurekhoda nokwenza iripoti zeSebe leMfundu leNtshona Koloni ukwenzela amaBakala 4 ukuya kwele-9, mazilandele le nkqubo icaciswe ngezantsi:
- 7.1 Izikolo mazisebenzise le nguqulelo yangoku evela kwi-CEMIS.
- 7.2 Zombini iinkqubo, eyokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya neyokunyuselwa kwabafundi, ziya kwensiwa yikhompyutha ngokupheleleyo xa kuklikhwe i-purple button kwishedyuli.
- 7.3 Ishedyuli, i-verification page nekhadi leripoti, ziya kubonakalisa ngokuzenzekelayo utshintsho olwenziwa yikhompyutha.
8. Izikolo ezisebenzisa iiprogram zazo zokurekhoda nokwenza iiripoti nezinabafundi abaya kuchatshazelwa kukutshintshwa apha naphaya kwamanqaku neminyinyiva yokunyuselwa kwabafundi kwiimeko ezizodwa, maziyenze le nkqubo njengoko icacisiwe kule setyhula.

9. lishedyuli ehlaziyiwego ii-adjustment and repeat lists, ne-verification page maziprintwe kwaye zinkwe umphathi weseke the ukwenzela ukuba azingqinise ekupheleni konyaka.
10. Kucelwa niqaphele ukuba ziyasebenza zombini iinkqubo, eyokutshintshwa kwamanqaku apha naphaya neyokunyuselwa kwabafundi ukususela ngo-2024 nakwiminyaka elandelayo kumaBakala 4 -9.
11. Kucelwa iinqununu zezikolo ezifundisa amaBakala 4-9 ukuba zazise ngokuqulethwe yile setyhula bonke ootitshala.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS

**INTLOKO:** YESEBE LEMFUND

**UMHLA:** 2024-11-20